Isalathiso: 20190425-4026
Inombolo yefayili: 12/1/13/6
Imibuzo: A Henriques

INgcaciso eMfutshane yeCandelo lokuXhasa amaZiko ngeziBonelelo: 0002/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo

Isishwankathelo esifutshane: *Ifasilithi yokufaka ii-odolo ngekhompyutha kwiCEMIS ukwenzela izikolo zikwazi ukufaka i-odolo yeencwadi zezifundo zeCAPS zamaBakala 1 ukuya kwele-12.*

Isihloko: Ifasilithi yokufaka ii-odolo ngekhompyutha zeencwadi zezifundo ze*CAPS* zamaBakala 1 ukuya kwele-12

1. Izikolo eziseNtshona Koloni kulindeleke zinike incwadi yesifundo umfundi ngamnye obhalisileyo ngesifundo ngasinye sakhe.

2. Ukuze kuqinisekiswe ukuba bonke abafundi kwisikolo ngasinye baneencwadi zezifundo (*textbooks*) kuzo zonke izifundo ngo-2021, kucelwa iinqununu ukuba:

2.1 zichaze inani elilindelekileyo labo lokubhalisa abafundi ibakala nebakala ngo-2021;
2.2 ziqikelele inani elilindelekileyo labafundi abangaphezulu ekuqaleni kuka-2021 ngokusekelwe kwindlela izinto ezidla ngokwenzeka ngayo kule minyaka idlulileyo;
2.3 ziqinisekise ukuba zonke iincwadi zezifundo ezingasetyenziswayo ekungokunje zikumagumbi anqatyisiweyo zithathelwa ingqalelo; kwaye
2.4 zithathele ingqalelo ukuba limi njani iqondo lokubuyiswa kweencwadi zezifundo ngabafundi (*textbook retention rate*) ekupheleni konyaka kule minyaka idlulileyo.

3. Le ngcaciso ikumhlathi 2 mayisetyenziselwe ukunika ulwazi ngokufakwa kwe-odolo yeencwadi zezifundo zokongezelela (*textbook top-up orders*) ukwenzela u-2021.

4. Kuya kunikwa izikolo ithuba libe linye kuphela ngo-**2020**, phakathi kwe-**01 ne-12 Juni**, lokufaka ii-odolo zeencwadi zezifundo zokongezelela zabo kusetyenziswa ifasilithi yokufaka ii-odolo efumaneka kwiSebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*). Oku kuthetha ukuba izikolo mazizinike ithuba lokucwangcisela iimfuno zazo zokongezelela iincwadi zezifundo zango-2021 ngenkathalo, zithathela ingqalelo zonke iimeko ezichazwe kumhlathi 2.

5. Iimali zokuxhasa ukufunda nokufundisa kunye nemimiselo nemigangatho yolwabiwo (*learning and teaching support materials norms and standards*) (*N&S*) zezikolo ziya kusetyenziselwa ukuhlawula iincwadi zezifundo zokongezelela nezijongene nokwanda kwamanani abafundi (*top-up and learner growth textbooks*) ngoJanuwari 2021.

6. Kukhuthazwa izikolo ziwenze ziwagqibe amalungiselelo azo phambi kwethuba lokufaka ekhompyutheni ii-odolo yaye ziqalise ukufaka ekhompyutheni iimfuno zazo zokongezelela iincwadi zezifundo ukususela ngomhla ekuvulwa ngawo isistim yasekhompyutheni nge-01 Juni 2020.

7. Xa ungena ekhompyutheni kwi-*CEMIS*, khetha u- "*Administration*" *option* kwi-*menu bar* yaye ukhethe u- "*CAPS textbook top-up*" kwi-*drop down list*. I-*sub-menu* iya kuvela ize yona ikuse kwi-*capture screen*, naku- "*How to guide*". Kukhuthazwa izikolo zikufunde yaye zikwazi okubhalwe ku- "*How to guide*" phambi kokuba zifake ekhompyutheni ii-odolo zokongezelela iincwadi zezifundo.

8. Kucelwa ufunde i-*welcome note* kunye ne-*guide* ekhompyutheni kwi-*CEMIS* ukuqinisekisa ukuba ngubani omakuqhagamshelwane naye ukuba kuye kwakho naziphi na iingxaki eziye zivele xa kufakwa ii-odolo zeencwadi zezifundo zokongezelela ezizii-*top-up textbook orders.*

9. Isakuba iqinisekisiwe i-odolo yasekhompyutheni yaza yasayinwa yinqununu, isikolo masiprinte ikopi eliphepha ye-odolo eqinisekisiweyo (*verified order*), siyitshekishe ukuba ingaba ichanekile na yaye siyigcine kwirekhodi.

10. Apho itayitile yencwadi leyo ingafumanekiyo kwisistim yokufaka i-odolo, izikolo mazisebenzise ithempleyithi yokwenza i-odolo eqhotyoshelwe apha (isiHlomelo 1) ukwenzela ukufaka i-odolo yeencwadi zezifundo ze*CAPS* ezivunyiweyo. Ifom yokufaka i-odolo ezalisiweyo kufuneka ingeniswe ngekhompyutha ukwenzela ukuba inikwe ingqwalaselo nguMnu Bernard Stoffels (kwifoni 021 467 2345) apha Bernard.Stoffels@westerncape.gov.za ungadlulanga owe-12 Juni 2020.

11. Kufikelele kwingqwalaselo ye*WCED* ukuba izikolo zinomkhwa wokwala ukuziswa kwee-odolo ezazifakwe ngokungachanekanga sisikolo, nanto leyo echaphazela iimali zababoneleli-nkonzo. Ababoneleli-nkonzo okanye ii-arhente ezijongene nokuziswa kweencwadi zezifundo azisayi kunyanzeleka ukuba zizibuyisele ii-odolo ezazifakwe ngokuchanekileyo. Kukhunjuzwa iinqununu ukuba isikolo sinoxanduva lwezemali ngazo zonke ii-odolo ezifakwe nge*CEMIS* yaye asinandlela yimbi ingekuko ukwamkela oko kuziswe esikolweni ngokwendlela ye-odolo yaseburhulumenteni.

12. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane onke amagosa achaphazelekayo ukuze akuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-MS ABRAHAMS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOCWANGCISO LWEMFUNDO
UMHLA: 2020-05-20